PanSALB
PAN SOUTH AFRICAN LANGUAGE BOARD

ISIMEMO SOKUTYUNJELWA KWIBHODI YABALAWULI (BoD) YEELWIMI EZAHLUKENEYO, AMACANDELO EZOCHAZO-MAGAMA ESIZWE

NGOKOMTHETHO I-PAN SOUTH AFRICAN LANGUAGE BOARD ACT NO. 59 KA-1995, ICANDELO 8(8)(C), I-PANSALB KUFUNEKA IMISELE AMACANDELO EZOCHAZO-MAGAMA ESIZWE (NLUs) UKWENZA IZICHAZI-MAGAMA ZOLWIMI NGALUNYE. LA MACANDELO AKHUTHAZA UKUPHUHLISWA KWEELWIMI NGOKWENZA IZICHAZI-MAGAMA ZOLWIMI NGALUNYE OLUSEMTHETHWENI EMZANTSI AFRIKA, KWAYE ASEBENZA NJENGEENKAMPANI ZECANDELO 21 LOMTHETHO I-COMPANIES ACT, 1973 (UMTHETHO NO. 61 KA-1973 NOSELE INGUMTHETHO NO. 71 WAMA-2008)

1. IINJONGO ZEQHINGA LOKUSEBENZA LE-PANSALB KWEZOCHAZO-MAGAMA

1.1 Kukulawula imicimbi yemali yeeNLU zolishumi elinanye.
1.2 Ukubonelela ngezixhobo zokuphuhliswa kwazo zonke iilwimi.
1.3 Ukuncedisa ekuxhobiseni ngezakhono ngokubonelela ngoqeqesho kucwangciso lwemisebenzi, ulawulo lweemali nokwenza iingxelo-mali ngokwemigqaliselo yeGenerally Recognised Accounting Principles (GRAP).
1.4 Ukuncedisa abasebenzi beeNLU ukukhawulezisa ukuveliswa kwezichazi-magama nezinye izinto ezinokwenza ukuba iiNLU zingenise imali kwilixa elizayo.
1.5 Ukudala ifuthe nokukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi ngawo onke amaqumrhu okuhlala.
1.6 Ukwenza lula unxibelelwano phakathi kwazo zonke iilwimi.

2. OKUDINGEKAYO/IZAKHONO KUBATYUNJWA

Abatyunjwa kufuneka babe nomdla kwimiba yophuhliso lweelwimi. Ngaphezu koko, kufuneka abe nezi zakhona zilandelayo ubuncinane kwinkalo enye kwezi zingezantsi:

2.1 Ulwazi lwezochazo-magama (ukwenziwa kwezichazi-magama) ludingeka ngamandla
2.2 Izakhono zolawulo nezobunkokeli
2.3 Ulwazi ngokuphathwa kwemali
2.4 Ulwazi ngezomthetho
2.5 Ulwazi nezakhono zokwazisa banzi
2.6 Mayibe lulwimi lweenkobe umtyunjwa atyunjelwa kulo

3. UXANDUVA

3.1 Amalungu eBoD anoxanduva lwale misebenzi ilandelayo:

- Ukwenza nokulungisa umgaqo-nkqubo nocwangciso emalulandelwe ukufeza iinjongo zecandelo
- Ukulawula nokucebisa inkampani nePanSALB malunga nokusetyenziswa kwezixhobo zecandelo
- Imiba yezopapasho, ukuprinta nokwazisa banzi ngezichazi-magama nezinye iimveliso
- Ukuqesha abasebenzi nokumisela ukuhlawulwa kwabo, izibonelelo namaqithiqithi ahamba noko.

IIFOMU ZOKUTYUMBA ZIYAFUMANEKA KWI-OFISI ENGUNDLUNKULU, KUZO ZONKE II-OFISI ZEE-NLU NAKWIWEBHUSAYITHI YE-PANSALB.

UMHLA WOKUVALA: 28 kweyeThupha 2017

Ngemibuzo: UMphathi weeNLU; N. Ndabezitha
Private Bag X08
Arcadia 0007
Umnxeba: (012) 341 9638
Ifeksi 012) 341 5938
I-imeyile: nomadhlangala@pansalb.org